



Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Isifungo sesiQinisekiso**

# Isikhokelo soMzali

## Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso 1 esithi "**Isifungo sesiQinisekiso**"

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

## Uzilungiselela usibeve njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebisso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonko elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: <a href="https://bit.ly/3NACSSH">https://bit.ly/3NACSSH</a>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"><li>• iBhayibhile</li><li>• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe</li><li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kanye neepensile, iikhrayoni, njl.</li><li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziwego / sisixhobo esongezelwego sokuzikhethela</li><li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li></ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelanelo notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina sisixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apha wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kune nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

**Isihloko seSifundo**

Isifungo sesiQinisekiso

**Injongo yesifundo**

Abaqinisekiswa baza kufunda imvelaphi kune nentsingiselo yesifungo sesiQinisekiso.

## Isishwankathelo sesifundo:

### Imvelaphi: Yintoni isiQinisekiso?

Isiqinisekiso sisenco sentiskelelo, apha amaKrestu amatsha obuPostile obuTsha athabathela kuwo uxanduva apha abazali / abagcini babo baluthathe egameni labo ekubhaptizweni nasekutywinweni kwabo. Abaqinisekiswa bayafunga Iqinisekisa isibhambathiso sokuthembeka kuThixo kwaye ibanga ukholo lwabo olutsha lobuPostile phambi kwebandla.

### Umxholo:

#### 1. Amagama esiungo sesiQinisekiso:

*Ndiyamalahla uSathana nayo yonke imisebenzi neendlela zakhe, yaye ndiyazinikela kuwe, Thixo Oziyu zithathu, uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele, ngokholo, ngentobeko, nesigqibosam sokuhlala ndithembekile kuWe de kube sisiphelo sam. Amen.*

#### 2. Imvelaphi yeSifungo sesiQinisekiso:

- Kwinkulungwane yesi-3, iindlela zangaphambili zesifungo zifunyanwa kwi "Traditio Apostolica" - iSiko labaPostile (le yincwadi, njengencwadana yobomi bebandla lakuqala).
- Kwilungelo (isiko, isakramente okanye inkonzo), kufana kakhlulu nokubhaptizwa kwekhola okwakubuzwa lona:  
"Uyamlahla uSathana kune nemisebenzi yakhe?" Ingaba uyalilahla ihlabathi neziyolo zalo? Kuzo zozibini izihlandlo impendulo ibisithi: "Ndiyahlahla."
- Emva koko ikholwa belibuzwa imibuzo emithathu:
  - Ø Uyakholwa kuThixo uBawo uSomandla?
  - Ø Uyakholwa kwiNkosi yethu uYesu Krestu (noMnqamlezweni waYo)? kwaye
  - Ø Uyakholwa kuMoya oyiNgcwele?
- Kumbuzo ngamnye lowo uza kubhaptizwa kwakufuneka aphendule athi: "Ndiyaholwa".
- Okokuqala, umtyholi wayelahlwa, emva koko kwakufuneka kubekho isibambiso kuYesu Krestu.
- Ukusuka kwezi zinto zisisiseko zibalulekileyo isifungo sesiqinisekiso saphuhliswa.



### **3. Intsingiselo yeSifungo sesiQinisekiso:**

**"Ndiyamlahla uSathana nayo yonke imisebenzi neendlela zakhe" kuthetha:**

- Ngokwamandla ethu onke sinqwenela ukuzikhulula kwisono, sibuphephe bonke ububi nezinto ezingenabuthixo.
- Oku akuthethi ukuba emva kokuba sithabathe isifungo asisyai kona, kodwa kukuvakalisa kokuthabatha isiggibo esibalulekileyo sokuthi "Hai" kumtyholi nakwisono.

**"Ndizinikezele kuwe, Thixo Oziyu zintathu, uYise, uNyana noMoya oyiNgcwele"**

**kuthetha:**

- Siyaqonda ukuba asinao ukuphila ubomi bokuchasa ukulingwa kwisono ngamandla ethu, sidinga uncedo lukaThixo, ubabalo lukaKrestu kunye nobudlelane boMoya oyiNgcwele Omnye.
- Sivakalisa ngononophelo ukuba siyaludinga uncedo lukaThixo kwaye kwangaxeshanye sivume kaThixo oziyu zithathu, okubhalwe kumanqaku ethu okuqala amathathu okholo.

**"Ngokholo, ngentobeko, nesiggibo esinyanisekileyo sokuhlala ndithembekile kuwe kude kube sesiphelweni sam." kuthetha:**

- Ukunikela kuThixo asinguwo umba wexeshana kunye nobuzaza ekucacisa kubo injongo yokuphila ubomi bokholo nentobeko obubonakalisa kuThixo.
- Isifungo sesiqinisekiso ngoko siyabophelela kubomi bomntu.

**"Amen." uthetha:**

- "Amen" - uthetha ukuba "le ndiyithethayo yinyani." Ke, ukuthi Amen emva kokuba isifungo sesiQinisekiso senziwe, ngokubalulekileyo kuthetha ukuba into ethethiwego ithembekile kwaye iyinyani.



## Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

Ngexesha lonyaka wokugqibela wesiqinisekiso, uya kufunda ukucengceleza isifungo. Esi sifundo sijolise ekunikezeleni ukuqonda mayela nesifungo. Kunyaka olandelayo, uya kufundiswa izifundo ezininzi eziya kunceda ekukhuliseni ulwazi lwakho kunye nokuqonda kokholo lwakho oluya kukhokelela kwintsikelelo engummangaliso yesiQinisekiso. Inkalo yakho kukucengceleza isifungo sakho sesiqinisekiso ngokuzithemba okuqinisekileyo (ngokholo nokuthembeka).

### Eminye imibuzo esinokuyibuza:

#### 1. Yintoni ekufuneka ndiyazi kwaye ndiyifunde ngexesha lonyaka wesiqinisekiso?

Kuya kufuneka wazi kwaye uyiqonde eyona migaqo iingundoqo yokholo lobuPostile obuTsha (Amanqaku aliShumi oKholo) kwaye uzungiselele ukukhokela ubomi bakho ngokwevangeli.

#### 2. Ithetha ntoni intsikelelo yokuqinisekisa? Indenzela ntoni?

Intsikelelo iyakomeleza kwaye ikuncede ugcine isithembiso osenzileyo esibekwe kwisifungo sokuqinisekiswa.

#### 3. Ndimdala ngokwaneleyo ukuba ndingathatha uxanduva olukhulu kangaka?

Ukweli nqanaba ebomini bakho xa uqonda iziphumo zezenzo zakho kwaye uyakwazi okulungileyo nokungalunganga.

Ukhuliselwe elukholweni kwikhaya labazi bakho okanye kwiinkonzo zobungcwalisa nangezifundo zezonqulo ebandleni ingakumbi kunyaka wokuqinisekiswa kwakho.



## Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kune nabantwana*

*Yanga singabuva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuze asiphuthume*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe*

*Amen*